# IKHWELO LOKUNGENISA IZICELO ZENKXASOMALI ENGEZIBONELELO ZONCEDO KOWAMA2024/25: ICANDELO LOLAWULO LEZAMANZI NOGUTYULO

ICandelo loLawulo lezaManzi noGutyulo leSixeko saseKapa lihlaba ikhwelo lokuba kungeniswe izicelo zoncedo lwezimali, yimibutho ebhalisiweyo neyoluntu efumaneka kwakwimida icandelo eli eligunyaziselwe ulawulo kulo.

**Izicelo kufuneka zijolise ekubonelelen ngezisombululo okanye ngeenkqubo kunye okanye neenkonzo apho zithi ziphendule nakuphina koku kulandelayo:**

**Izisombululo neenkonzo ezijoliswe:**

- Kwizingeneleli kucutho lwenkunkuma, ukuthuthwa nokuqokelelwa kwayo
  - Ukufakelelwa kwezithinteli kumajelo yezamanzi (enjengemilambo, amadami, nemihlaba emanzi) kusetyenziswa izixhobo ezinjengezivalo eziyimiqobo kungcoliseko, izabatha njalonjalo.
  - Kususwa okulahliweyo kwezo zithinteli kwaye zinonotshelwe ukuqinisekisa ukusebenza kwazo ngendlela efanelekileyo.
  - Kusetyenziswe izigadla, iitreyila ezizenzekelayo, imigqomo yenkunkuma/izikiphi, njalonjalo ezingokuqokelelwa kwenkunkuma ukususela kwimilambo nakumadama. Kumiselwe inkqubo yokuqokelelwa kwenkunkuma ecwangcisiweyo ukuze kuqinisekiswe ukusebenza ngononophelo nangokufezekileyo.
- Ukuvuselelwa kwemijelo yamanzi yimibutho okanye amaqela oluntu
  - Prowujekthi zococeko ngenjongo yokulondoloza nokubuyiselwa kwisimo sesiqhelo kwemijelo yamanzi.
  - Kuphuculwe imijelo yamanzi kusetyenziswa iikhemikhali, ubume bokusingqongileyo okanye izisombululo ezingendalo.

**Amaqela ezotshintsho lwezentlalo ngokujoliswe kwiinkqubo ezingolwazi loluntu, ukuze:**

- Kusekwe amaqela endawo anoxanduva, aquka amalungu oluntu ngokwahlukeneyo, ukuze:
  - Akhokele amaphulo angolwazi ngemibandela engezamanzi nogutyulo.
  - Kuncediswane neCandelo loLawulo ekuchongeni iimfuno ezingemisitho engokufundisa, iiwekshophu neenkqubo ezijoliswe kuluntu lasekuhlaleni ukuze kwabelwane ngolwazi ngendlela efanelekileyo.
- Kumiselwe iindlela ezithile ezingokunikezela ingxelo ukuze amalungu oluntu avakalise iinkxalabo, anikezele iziphakamiso nemibandela engengxelo ngokujoliswe kwiinkonzo zamanzi nococeko, kujoliswe kwiCandelo loLawulo.
- Kuququzelelwe uluntu lasekuhlaleni ukuze lilungele amangenelo ajoliswe kwezamanzi nogutyulo:
  - Kuqhutywe iiwekshophu zokufundisana zoluntu neeseshini ezingezoqeqesho.
  - Kumiselwe iiprowujekthi eziyimizekeliso ezijoliswe kuluntu lasekuhlaleni, ukudandalazisa iinzuzo eziluqilima ezingumphumela wezisombululo zezamanzi nogutyulo.
  - Kubandakanywe uluntu lasekuhlaleni kwiiprowujekthi zococeko lemilambo namadama, umzekelo: "Kukokoswe uMlambo othile" njalonjalo.

**Uphando elubhekiselele kubuchule kwisakhono esithile ngokufunda**
Kuqhutywe uphando ngokujoliswe kwiziphembeleli zotshintsho kwindlela yokuziphatha, olunjengokubhloka kogutyulo.

**Ukuqonda iinkuthazo**

- Kuphandwe izizathu zokuba kutheni na kusakhiwa izakheko kuthungelwano lwemibhobho yogutyulo. Oku kungaquka imibandela engokuswela ulwazi, imigaqo engezocando, iinkuthazo ezingezoqoqosho okanye imfuneko ngenxa yendawo eshokoxekileyo.

**Kuchongwe iindlela ezithile zokulahlwa kwenkunkuma**

- Kuphandwe iintlobo zobugoxo obulahliweyo, inkunkuma okanye iimathiriyeli ezithi zilahlwe kwimijelo yogutyulo.  Oku kungaquka amanzi amdaka asekhaya, ugutyulo oluphuma kwimizimveliso, iikhemikhali, ezamayeza okanye nezinye izingcolisi.

**Iindlela zophando:**

- Ezovavanyo nezodliwanondlebe, ezophando olujoliswe kwicandelo elithile lokusebenzela, ukuhlalutywa kweenkcukacha, njalonjalo.

Iziphakamiso ezingezibonelelo zoncedo kufuneka zenziwe ngokubhaliweyo kuxwebhu olusesikweni lokungeniswa kwesicelo (elifumaneka kuzo zonke iiofisi zamabhungana nakwikhonkco lezobuchwepheshe elinguwww.capetown.gov.za/grants-in-aid).  Iziphakamisso zeprowujekthi kufuneka zijoliswe kuxanduva oluthwaliswe umasipala  nakwiinjongo zocwangcisobuchule beSixeko njengoko kuqulunqwe kwiIDP. ISicwangcisobuchule soHlumno lezoQoqosho neSicwangciso esitsha esingezamanzi kunye nenkxaso yeSixeko ekwakhiweni ISicwangcisobuchule soHlumno lezoQoqosho neSicwangciso esitsha esingezamanzi kunye nenkxaso yeSixeko ekwakhiweni kweSixeko sethemba. Abafak'isicelo kufuneka bathathele ingqalelo uMgaqonkqubo ongeZibonelelozoncedo apho uthi ufumaneke xa uthe wacela oko kwiwebhusayithi yeSixeko, xa belungiselelo ulwabiwomali lwabo. Isixamali ezimalunga nezigidi eziR5, siyafumaneka ukuba sabelwe. Umlinganiselo wesixamali ngesicelo ngasinye ngeprowujekthi nganye liR100 000.

**Indlela yokwenza isicelo**
Iziphakamiso ezingezibonelelo zoncedo kufuneka zenziwe ngokubhaliweyo kuxwebhu olusesikweni elifumaneka kwikhonkco elingezobuchwepheshe elunguwww.capetown.gov.za/grants-in-aid. Iziphakamisso zeprowujekthi kufuneka zilungelelane neenjongo zocwangcisobuchule beSixeko. Nceda ubonelele ngenkcazelo yeprowujekthi ethe xhaxhe xa kuthe uxwebhu olo olusesikweni lokufaka isicelo liye alakuvumela ukuba ungenise inkcazelo ecacileyo engeprowujekthi leyo.

Abafak'isicelo kufuneka bathathele ingqalelo uMgaqonkqubo ongeZibonelelozoncedo apho uthi ufumaneke kwiwebhusayithi yeSixeko engentla apha, okanye xa uthe wacela oko, xa belungiselela ulwabiwomali lwabo. Nceda ubonelele ngolwabiwomali olucacileyo nolufezekisekayo, apho luthi lubonakalise ulungelelwano lolwabiwomali kunye nocwangciso lemisebenzi ekufuneka yenziwe.

**Abafak'isicelo kufuneka babe babhalisiwe kuVimba ongokuPhangaleleyo ongaBaboneleli ngeenkonzo:**
https://secure.csd.gov.za/Account/Register

**Abafak'isicelo kwakhona kufuneka babe babhalisile kuVimba woLawulo loLuhlu lababoneleli ngenkonzo weSixeko, ngaphambi kokuba bafake izicelo zabo:** https://www.capetown.gov.za/City-Connect/Register/Business-and-trade/Register-as-a-supplier

Zombini iinombolo zobhaliso kwaba vimba ziyafuneka kule fomu esesikweni engesicelo sesibonelelo soncedo.

Abafak'isicelo kufuneka babhalise njengemibutho engajonganganzuzo (enjengeeNPO, NGO, engecandelo21, iitrasti, njalonjalo).

**Nceda ufunde ngononophelo uxwebhu olusesikweni lokungenisa isicelo kwaye ungenise onke amaxwebhu axhasa isicelo eso, adwelisiweyo ngezantsi apha:**

- Ingxelo engezimali ephicothiweyo (apho ijoliswe kwizicelo zenkxasomali ezingaphezulu kumaR50 000) OKANYE
- Ingxelo engengeniso nenkcitho (ngokujoliswe kwizicelo zenkxasomali ekumaR50 000)
- Imizuzu engentlanganiso yonyaka apho ithe yaphumeza ingeniso nenkcitho (ngokujoliswe kwisicelo senkxasomali ekumaR50 000)
- Isatifiketi sobhaliso (esingesatifiketi seNPO)
- Umgaqosiseko wombutho lowo okanye imigaqo engesivumelwano yaloo mbutho
- Iakhwunti engeentlawulo zikamasipala (ethe yahlawulwa ngokupheleleyo ukuba umfak'isicelo lowo ungumnikazi wepropati) OKANYE
- Isivumelwano soqeshiselwano okanye iakhawunti engeentlawulo zikamasipala yomqeshisi (ehlawulwe ngokupheleleyo ukuba umfak'isicelo lowo uqeshiselwe ipropati/isakhiwo)
- Uxwebhu olunenombolo engokuthobela ukuhlawula irhafu (apho ibonakalisa ubume bokuthobela ukuhlawula irhafu)
- I-invoyisi elixabiso elinguziro leRhafuntengo (iVAT) (ukuba ubhalisiwe njengomhlawuli weRhafuntengo)
- IiKopi zeeID (amalungu ekomiti, amagosa anoxanduva, njalonjalo)
- Ubungqina beakhawunti yasebhankini (ileta ephuma kwibhanki leyo ubhankisha kuyo)

Abafak'iscelo kufuneka banyaniseke xa bequlunqa iziphakamiso zabo. Hayi bonke abafak'isicelo abayakuthi bafumane inkxasomali kwaye iSixeko asinakho ukuxhasa ngezimali zonke iziphakamiso ezithe zangena. Iiprowujekthi ezo kufuneka zibe zigqityiwe ngowama25 kweyeSilimela (Juni) 2025.

Nceda ungenise uxwebhu lokungenisa isicelo olugcwaliswe ngokupheleleyo, elikhatshwa ngamaxwebhu asixhasayo, sijoliswe kwa Communications.WaterandSanitation@capetown.gov.za.

Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwezicelo yintsimbi ye17:00 ngowama6 kweyeKhala (Julayi) 2024. Akusayi kwamkelwa okanye kuhoywe izicelo ezingagqitywangwa ukugcwaliswa okanye ezingeniswe emva komhla wokuvalwa.

Zonke izicelo zezibonelelozoncedo ziyakuthi zivavanywe/zihlolwe ngokungqinelana noMgaqonkqubo ongeZibonelelozoncedo kwaye kufuneka zithobele uMthetho ongoLawulo lweziMali zikaMasipala ongunomb.56 wango2003.

**Qhagamshelana nabakwa Communications.WaterandSanitation@capetown.gov.za ukuze ufumane ingcaciso ethe xhaxhe.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA76/2024

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.